Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

NOVEMBA 2014

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Ihlobo liza nelanga nesafaya

kodwa likwaza neengozi zemimoya ebhudla ngamandla nemililo

Ugqibele nini ukwenza 'uphicotho' lomlilo kwisakhiwo sakho? Kulisiko ukuba ixesha lasehlobo laseNtshona Koloni libe lixesha lomlilo, nanjengoko uhlaza olusegadini yakho luyenza ukuba ibukeke intle ngexesha lasebusika ngawukhe uluqwalasele ngoku olu hlaza ukuba alubeki isakhiwo sakho nabamelwane bakho kumngcipheko na ngeli lixa lehlobo.

Abo balimayo nabazincutshe emlilweni bale ndawo yethu bathi ukuqala ngoNovemba kufanele uqinisekise ukuba konke okungamasebe omileyo ingakumbi lawo aphantsi kohlaza nalawo akhula ngokudlulisileyo nemithana kufanele achetywe ukuze kubekho isithuba esingange-5 semitha phakathi kwesakhiwo nohlaza. Kwizakhiwo ezikhulu ezinalo olu hlaza lo mgama kufanele ungabi ngaphantsi kwe-10 lemitha.

Ingca eluhlaza entle esuka kwisakhiwo ukuya kuma kumda wesakhiwo nayo ingadala oku kufanayo.

Ingakumbi kwizakhiwo ezikwiindawo ezinentaba kwaye/okanye kwindawo ezimi kwiminda yendawo zohlaza, kwindawo ekhula uhlaza olunabileyo ezifana nePort Jacksons, iMyrtle, iRooikrans neBlue Gums ezi ndawo mazigityulwe baze abo baneziza abangekazakhi bazinonophele iziza zabo ukuqinisekisa ukuba uhlaza olukwiziza zabo aludali imililo yequbuliso echaphazela abamelwane.

Siyathemba ukuba anifuni ukukhunjuzwa ukuba kungaqhuma kubasiwe - nokuba mhlambi kojiwa inyama. Ngako oko ke qinisekisa ukuba imililo yokoja inyama yenzelwa kwizinto okanye iindawo zokoja inyama kwaye iyacinywa ngokugqibeleleyo emva kokonwabela inyama yakho emnandi. Kwaye khumbula ukuba amalahle asavuthayo awalahlwa emgqomeni!

Ngamafutshane, yenza oko kulungileyo ukuze wena nommelwane wakho nibe neeholide ezimyoli nezingenaziphazamiso.

Ukuba ufuna ukuchazela abenkonzo zikaxakeka okanye ukubazisa ngomlilo okanye ucela iingcebiso ngendlela onokukhusela ngayo isakhiwo sakho emlilweni, qhagamshelana neeNkonzo zoMlilo, uHlangulo noLawulo lweeNtlekele zaseOverstrand kule nombolo 028 313 8980.

USODOLOPHU UHLENGA-HLENGISA IKOMITI YAKHE YOLAWULO

Emva kwesithwakumbe sakakutsha nje sokusweleka koCeba uMzameni Mshenxiswa nokushiya ezikhundleni ebekungalindelekanga kooceba ababini - uPieter Scholtz noBen Solomon –uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie wazise ukuba ukususela ngomhla woku-1 Oktobha 2014 uza kuhlenga-hlengisa iKomiti eLawulayo yakhe ngolu hlobo:

Ikomiti enika iingcebiso kwimicimbi yeziseko ezingundoqo nocwangciso iya kuhlalelwa nguCeba R Smith, ebetyunjelwe ukuba nguSekela Sodolophu. UM Opperman uyakuba ngusihlalo wekomiti enika iingcebiso kwiinkonzo zoluntu, uCeba P Appelgrein abe kwikomiti yeengcebiso kwiinkonzo zolawuloo nokhuselo aze uCeba D Coetzee abe kwikomiti yeengcebiso yezimali nophuhliso loqoqosho lwezasekhaya.

Ulonyulo lovalo-sikhewu lakwenziwa ngoLwesithathu umhla wama-26 Novemba ukuze konyulwe ooceba abatsha ngenjongo yokuvala ezithuba ezikhoyo kwiiWadi 2, 5 neye-7.

MASIDLALE!

- Amaqela aphambili azimisele ukudlala

NgoMgqibelo umhla wo-1 November 2014, amaqela aphambili aseOverstrand ebhola ekhatywayo, umbhoxo, umnyazi neqakamba akube equbisene, kuninzi okwakonwatyelwa ngabaxhasi.

Ukususela ukusungulwa koMyhadala waseOverstrand wemiDlalo nguSodolophu, lo mnyhadala ukwazile ukumanya abathandi bezemidlalo bendawo zonke bemanyaniswa lifuthe lokuthanda imidlalo nokukhuthaza ukuthanda imidlalo kwabo basakhulayo nabadala.

Kwelinye icala loMasipala waseOverstrand, uya kusingatha neOverstrand Wheelchair Association imidlalo yabo baphila nokukhubazeka apho babonakalisa izakhono zabo zemidlalo efana nedatsi, iidomino, itshesi, ikerem nomlabalaba.

UMnyhadala uqala ngentsimbi ye-06:00 kwibala lemidlalo lase Mt Pleasant uphume phaya kweye-17:00. Nceda ufike kwangethuba uzokufumana indawo yakho yokuhlala!

ZIVE UKHULULEKILE FUTHI UKHUSELEKILE UKUBA UNGAWASELA AMANZI APHUMA EZIMPOMPENI!

Kuphicotho lokugqibela lweBlue Drop, ezintlanu kwezisibhozo iinkqubo sococo lwamanzi zaseOverstrand zifumene amanqaku angaphezulu kwama-95% zaza ezintathu eziseleyo zafumana ngaphezulu kwama-91.5%. Oku kuthetha ukuba umasipala angatsho eqinisekile ukuba amanzi awasa ebantwini acocekile futhi akumgangatho onguwo nowemigangatho ye- SANS 0241 Code eyenzelwe amanzi aselwayo. Lo mgangatho omiselweyo kwi South African Bureau of Standards ungoyena ophezulu kwimigangatho yoMbutho wezeMpilo yeHlabathi (WHO).

Kwiindawo zoMasipala waseOverstrand, kuthathwe amanzi amancinci aqokelelwa nyanga zonke kwindawo ezingama-56 oko kusenzelwa ukuhlolwa kweentsholongwane kwindawo nganye. Koku ke kuqinisekisiwe ukuba amanzi aselwayo apha acocekile ahlolwe ngeepesenti ezingama-100 ukuqinisekisa ukuba intsholongwane ayikho kwaye amanzi ahambelana nemigangatho yamanzi ngokweminyaka edlulileyo.

Iinkqubo ezintlanu zokucocwa kwamanzi ezifumene amanqaku angama-95% kuphicotho lokugqibela lwamanzi olwenze ukuba zifumane iwonga leBlue Drop. Eli wonga umasipala ulifumene kwiSebe leSizwe laManzi neeNkqubo zeLindle kwiinkqubo zococo lwamanzi ezikumgangatho ofanelekileyo kuquka ulawulo lomngcipheko, iinkqubo zolawulo lokucocwa kwamanzi umgangatho wococeko lwamanzi aselwayo, imiqathango nolawulo kwezixhobo eziziseko zokuqala.

IZIDUBULI-NTLANTSI

Minyaka le abahlali neendwendwe bayathanda ukwamkela unyaka omtsha ngeendidi ezithile zezidubuli-ntlantsi. Ngumboniso othandwa nguye wonke ubani ingakumbi xa abo bawenzayo benamava okwenza njalo bekwazi nokugcina imiqathango nemimiselo yezidubuli-ntlantsi bekwenza oko ngokukhuselekileyo nangokucingela abanye abantu.

Ngenxa yokucingela abantu nezilwanyana, izidubuli-ntlantsi zingadutyulwa kuphela phakathi kwezi yure, ngeye-23:00 ukuya kweye-01:00 ngosuku olwandulela unyaka omtsha kwezi ndawo zilandelayo: eGrotto Beach, empuma kufuphi nechweba, kulwandle lwaseHawston (hayi kwindawo eyinkampi okanye indawo yokupaka iimoto okanye izibuko), ulwandle iUilenskraalmond, ulwandle lwaseStanford Bay (De Kelders) nolwandle olukhulu lwaseKleinmond. Nceda ukhumbule ukuba zonke izidubuli-ntlantsi ezizirokhethi nezizi-airborne mazidutyulwe phezu kolwandle ukunciphisa ingozi yokuba zehlele phezu kohlaza okanye ezintabeni zenze umonakalo.

Imiboniso wezidubuli-ntlantsi oququzelelweyo ingenziwa kuphela kwiindawo ezibekelwe bucala ukwenza oko kwaye ingenziwa kuphela ngokwemvume yeGosa eliyiNtloko kuLawulo lwemililo.

Ukukhulula isidubuli-ntlantsi nokuba kukweyiphi na indawo (kuquka kwiyadi yakho) nalo nangaliphi na ixesha kungaba nesigwebo esiqatha kakhulu futhi kungade kukhokelele ekubeni uqale unyaka ka-2015 eziseleni. Ungaqiniseka ukuba iarente zabagcini mthetho zakulandela umthetho kwabo bawophulayo ngokudubula izidubuli-ntlantsi ngaphandle kwezo ndawo zikhankanyiweyo.

Qaphela futhi ukuba ukusebenzisa izixhobo ezikhupha umlilo ezifana neelanteni zamaTshayina nemililo kaxakeka ayivumelekile ngokomthetho. Ngoko ke bantu niyacelwa ukuba bacingele abanye abantu kwaye bangakhe balinge ukucinga ngokusebenzisa ezi zinto kuba bengazi ukuba kungadaleka ntoni bakuba benze njalo, ngoba umlilo ungaphela uyingozi kwabanye abantu. Khumbula ukuba uyakuba noxanduva lokuhlawulela nawuphi na umonakalo odalekileyo ngenxa yokungathobeli umthetho.

Okokugqibela, cingela abanye abantu: Ukuba sigcina oko kumiselweyo loo nto ingenza kungabikho ukungaboni ngasonye nabamelwane noxinzelelo oludalwayo kwizilwanyana ngenxa yoku kungacutheka.

Nakuphi na ofuna ukukwazi malunga nokudutyulwa kwezidubuli-ntlantsi kunye/ okanye nayiphi na imibuzo ngazo ungatsalela iGosa eliLawula iMililo kule nombolo 028 313 8980 oko ukwenza ngexesha lomsebenzi.

YENZA "NGESISA" UNIKE ABASWELEYO OKUNCINCI ONAKO

Kulo nyaka maninzi amaphulo enziwayo kulo lonke ele-Overstrand ukuvuyisa abo basweleyo. Abanye bethu bangathanda ukuphosa esivivaneni kodwa abazi ukuba ngobani abantu abangaqhagamshelana nabo okanye banganikezela phi ngezo zinto bafuna ukunikezela ngazo. Nazi ezinye iindlela ubani angazilandela:

- **I-Santa Shoebox Project** - eli liphulo elikhuthazayo loluntu lweKidz2Kidz Trust elinikezela ngezipho ezibhalwe abo ziya kubo ngexesha leKrismesi lisenzelwa abo bantwana bangathathi ntweni elizweni jikelele. Gcwalisa ibhokisi yakho ngezinto onokuzisebenzisa ezifana nentlama yamazinyo nebrashi yokuxukuxa, ilaphu lokuhlamba nesephu, kwakunye neelekese, izixhobo zokufunda, into yokudlala nempahla yokunxiba. Ngenkcukacha ezithe vetshe nceda qhagamshelana noWendie Cleary kule nombolo 0283162257, kodwa kwakufanela ukuba uxhabashe ukungenisa ibhokisi yakho eHermanus okanye eGansbaai ngoba ukungeniswa kwazo kuyaphelelwa ngeye-18:00 intsimbi ngoMgqibelo, umhla wo-1 Novemba.

- **I-Bags of Love** - ngeli iphulo abo basweleyo baseOverstrand bafumana ibhegi egcweleyo zizimuncumuncu zeKrismesi. Njengenxalenye yeli phulo ibhegi igcwaliswa kukutya okuqhelekileyo ukususela kwizinto zokutya eziphambili kuluhlu lokuthenga ukutya zize zinikwe ezo ntsapho zisweleyo kanye phambi kweKrismesi. Oko kutya kungathengwa kwiivenkile ezithile zaseHermanus ngexabiso elili-R130, **ngemibuzo ethe vetshe ungaqhagamshelana noDes Collins kwezi nombolo 082 824 1058 okanye**

I-KARWYDERSKRAAL IZA KUQALA UKUSEBENZA KUNYAKA OZAYO

Ngexesha likaDisemba 2011 apho indawo yokulahla inkunkuma iKarwyderskraal kwakunyanzelekile ukuba ivalwe okwethutyana ngenxa yokungabikho kwendawo, ukwenziwa kocwangciso lokulahlwa kwenkunkuma yaseKleinmond naseHermanus lwaba lolufanele lwenziwe ngokuquphileyo. Ngethamsanqa iOverstrand yayisele inayo indawo esemthethweni nenesiqinisekiso yokulahla inkunkuma eseGansbaai kwaye inkunkuma yavele yafuduselwa kuyo.

Nangona kunjalo, olu cwangciso lwahambelana neendleko zokunyuka kwezinto kuba ukuthutha inkunkuma kwaba zindleko ngenxa yobude bendawo ekulahlwa kuyo kwaye nokwakhiwa kwamagumbi okulahla inkunkuma awongezelelweyo ngenxa yokwanda komthamo wenkunkuma. Ngaphezulu koko abaqhubi zimoto baba nengxaki yokulityaziswa zizigadla zenkunkuma endleleni eziya kulahla inkunkuma kulo ndlela imxinwa ephakathi kweHermanus neGansbaai oko kusenza ingxinano engumangaliso kwaye kubeka nabaqhubi phantsi koxinizelelo.

Iindaba ezimnandi zezokuba uMasipala waseOverstrand noMasipala weSithili saseOverstrand bangene kwisivumelwano sokurenta apho iOverstand iza kwakha ilawule indawo entsha yokulahla inkunkuma eseKarwyderskraal zonke iindleko zakuhlawulwa ngabo. Iinkqubo zethenda sele ziqatyelisiwe nekontraki sele iqeshiwe. Kuqikelelwa ukuba le ndawo yokulahla inkunkuma iya kube isebenza ngokugqibeleleyo ngoEpreli 2015 kwaye ke inkunkuma yaseHermanus naseGansbaai iya kubuya ilahlwe apho.

YILWA NOKUNYUKA KWAMAXABISO: GUQUKELA KUMBANE OWUHLAWULA PHAMBI KOKUBA UWUSEBENZISE

Kubantu abaninzi ukuhlawulwa kwamatyala kamasipala kusoloko kusothusa, ukubona ukuba yimalini na ikhaya okanye ishishini eliyichithileyo embaneni ngenyanga kuphela. Nangona kunjalo kukho indlela elula nebiza ixabiso eliphantsi enokwenza ukuba wahlukane nokusebenzisa umbane kakhulu le ndlela ingathi ekuhambeni kwethuba ikucuthele kwiintlawulo zakho.

Kwabo baqalayo, ukutshintsha kwakho ukusuka ekuhlawuleni ityala lombane owusebenzisileyo ukuya kwinkqubo yokuqala uhlawule umbane phambi kokuba uwusebenzise oku kuthetha ukuba ungalondoloza umbane kwiyunithi nganye oyisebenzisileyo, utsho ukwazi ukulawula umyinge wombane ekufanele uwusebenzisile ekhayeni okanye kwishishini.

Ixabiso lokuguqula umbane lixabisa ama-R968 kwaye idipositi ingama-R424. Futhi khumbula ukuba idipositi yakho ingakusebenzela ukuba uguqulela kumbane ohlawulelwa phambi kokuba uwusebenzise kodwa khumbula ukuba oku akunakho ukutshintshwa ngumntu wabucala osebenza ngombane ukuba kufakelelwe imitha yombane yohlobo lwePLC. Olu hlobo lwesixhobo sombane lungaplagwa kwiplagi ekufuphi eseludongeni. Kodwa ke ukuba ufuna ukusebenzisa iyunithi yodonga yesiqhelo, iinkonzo zomntu osebenza ngombane wabucala ungazifunela oko ke kwakuba nentlawulo ethe chatha.

Umdlali-piyano ulindele ukonwabisa ngokumangalisayo

uAndrei Pisarev

NgeCawe, umhla we-16 Novemba ubuGcisa baseOverstrand Arts/Kunste bakube bunekonsathi yokuhlinzeka umdlali wepiyano waseRussia **uAndrei Pisarev**. Uphumelele iimbasa ezininzi zehlabathi kuquka ukhuphiswano i-UNISA-Transnet international piano lo mdlali ophuma phambili ufundisa eMoscow Conservatory uza kube edlala iingoma zikaMozart ezithi Fantasia Rondo, Beethoven's Sonata in C Minor, Schumann's Noveletta nee-scherzos ezine kwakunye ne-Nocturno in E Minor edlalwa yi-Chopin. Ikonsathi iqala nge-15h30. ***Xa ufuna ukubhukisha amatikiti qhagamshelana noBELLINI kule nombolo 028 312 4988. Amatikiti axabisa i-R120 (iR60 kubafundi). Ngemibuzo ethe vetshe ungathumela kunobhala weOAK, uRené du Plooy, kule nombolo 082 940 4238.***